IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA
LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION)

LIHLAULELWA
3s. N GAN YANG A
NTATU.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, NOVEMBER 3,1884

J. W. WEIR & CO

Abatengi nabatengisi bofani ngofani

Nabangenisi kweli bempahla yamanye amazwe,

Base Market Street,

e-QONCE.

KANGELA APA.

Umhlobo wenu u Mrs. STEINMETZ,
JAGERSFONTEIN, O.F.S.

Ovenkile ipambi kwe Kantoor, uyazisa ukuba ivenkile yake usandukuyilungisa wayandisa.

Ininzi impahla entsha efikileyo. Yonke impahla yalevenkile ngoku ihlisiwe emananini. Yiyona venkile itengelayo e-Jagersfontein. Inempahla zentlobo zonke zamadoda nomankazana. Ngena ngapakati uzibonele.

IBULUKWE zokusebenza nezokavata ziyalala.
Ibatyi, Ihempe, Iminqwazi, Imibalo, kunye nezihlangu, &c.

Intlobo zonke zokutya ziko.

Iswekile nekofu elungileyo. Umbona, Namazimba. Kwindlu yokubaka kwenziwa intlobo zonke zezonka. Ozikook, Nesonka-Somtshato. Yiyona Bakhuis inezonka ezilungilevo.

Kuko Nendlu ecokisekileyo yokudlela.
Izixaso zifunyanwa amaxa onke. (Akutengiswa tywala).

Qonda.- Impahla yalevenkile ilunge (i good koop) yonke.

PASCOE BROTHERS.

Lempahla intsha inokubonwa
KWA-PASCOE, AYLIFF STREET.

I-SETINE (Silika) emhlope ne Alpaka, Izivato zomtshato esezenziwe, nezitofu zokutshintsha zentlobo ezinizi, Izigubungelo zomtshato neNtyantyambo, Izihlangu, Iskirts ezimhlope, ne Bodi (impahla yekabakazi ke leyo) Izitezi, ne Bonet, Iprinti ezikanyayo, nezidaki nezi brown (mfusa) ziqala kwitiki iyadi. Ikeleko ezimhlope nezi-brown, I-linzi eziqala kwi-tiki iyadi. Ikwilt ezimhlope nezinamabala.

Impahla yomtshato nezitofu ezitengiswa nge yadi azidli amaxabiso makulu. Into eninzi yetyali ezifanele intombi ezizakutshata nabatshakazi.

Uhlobo esigcina ngalo ingubo esezenziwe zabatshakazi lubanga ukuba abantu abaza kutshata abavela kwindawo ezimgama batenge babe noku goduka kwalomini.

Kwivenkile yakwa Sigingqi, e-Qonce.
29th October, 1884.

J. no-C. HEDDING,

Abatengisi bempahla Yama-Xosa,

Kwi Venkile Yakwa Ngqika, e-QONCE. Ikwangabo e-MKANGISO,
Kwa-TESE,
Kwi Xesi elilunge ne NCABASA.

Abatengi bo-boya, nezikumba Zenkomo ne-zempahla emfutshane ne mpondo

---

W. O. CARTER & CO.,

Kwikundla ka Makeleni, e-Qonce. (Maclean Square).

Yizani kuhlola impahla.
Akabizwa nto ubani ngokuhlola!

Iswekile (eyona ixabiso lipantsi kulomzi.
Isepa, *Uhlobo olutsha olulungekunene*
Inkumtye, nezipato zazo, intlobo ezingadli kubonwa.
Inkumtye ezinkulu (basins) ne pleti, njalo njalo.
Ikeleko ne Printi ezidluliseleyo
Ibulukwe zekodi nezoboya zentlobo zonke.
Ibatyi, ne ndulu-batyi.

Umgubo, nombona ngamaxabiso anikwa emarikeni.
Imikala netuma zamahashe (engonoxesha).
Lempahla ingentla, okanye nto yonke eningayinqwenelayo ninokuyifumana tshipu ifanelekile ezitoreni zetu.

P.S. — Uboya, Izikumba zenkomo, neze mpahla em-futshane, zitengwa apa.

PAULA. — Izicaka ezifuna umsebenzi zingeza apa, kuba sine-ncwadi ati onke amaledi afuna abantu azise kuyo.

W. O. CARTER & CO.,
Maclean Square,
KING WILLIAM'S TOWN.

G. N. TUDHOPE,
Umenzi wemifanekiso,
Umtengisi wencwadi nemapepa,
E-QONCE.

Uvule ivenkile yama-Xosa kufupi nendawo aquba kuyo lomsebenzi ungentla.

U-boya, izikumba zempahla emfutshane nezenkomo zitengwa ngamaxiso apakamileyo anikwa emarkeni.

Yizani Maxosa, Tengani kuye :
Imifanekiso yenziwa ngesheleni ezisixenxe ezine sikisipani xe imitandatu.

J. HILNER,
Umenzi wentsimbi zamaxesha,
E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.
Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi,
Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle
Zokinika amabaso ngamaxesha atile.

ANDREW GONTSHI,
Umteteleli ematyaleni,
TRANSKEI.

I- ofisi—e-NGQAMAKWE.

R. W. ROSE-INNES,
Umteteleli-Ematyaleni,
Umqinisi,
WEMVUMELANO,
Umanani Weziqiniselo.

LONKE UNYAMEKO uyalunikele ekuteteni amatyala abamnyama nakweminye, imicirnbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno. kufunelwa, ofuna kujikwe igama lesiqiniselo somhlaba unokwenzelwa. Lemisebenzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelene naso.

BONKE abantsundu abafuna amayeza namacebo apatelele ekungapilini kakuhle. Mabeze ku GEO. BRAUNS, Umdibanisi wemiciza, e Alexandra Road, e-Qonce. Ondlu ikangelene netyalike yama Roma kwane ofisi zakwa Rulumeni.

OZELWEYO,—Ngo 10 October, 1884
Inkosikazi ka J. WM. GAWLER WASE Mtwaku.
ibeleke Inkwenkwe.

G. WHITAKER,

Isebe elitengisa nentwana, ezincinane,

Kwivenkile ebisakubu yeka Magiligana {McGREGOR'S)

Utenga zonke intlobo Zoboya Nezikumba zempahla emfu-tshane, Neze Nkomo, Nempondo, enika amaxabiso adluliseleyo.

Uhlala enento enenzi yentwana ezinjengo zi-ti, swekile, kofu njalo, njalo

INGUBO, IKELEKO, IPRINTI, Ipuluwa nezikali,

Ingcawa, Amafelane, Ikeleko Zokulala.

Amacuba entlobo zonke—kwa nayo yonke into enqwenelwa ngabantu ntsundu.

Yonke impahla idla amaxabiso ahlisiweyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,

Abatenga impahla kwamanye amazwe,
Nakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO;

Nezempahla emfutshane,

BEMPONDO,
Nokudla, njalo njalo

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitenga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenjalo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa ngento esukuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE & CO.,

Kubamkeli be-Mvo.

ba tembise kodwa uku hlaula bayelwa elipepa lanamhla ingengaamagama abo amkelwe. Abasakuba ??? l Limbi ke de babe bahlaule kwacawa ivulelweyo.

KUBIWE !

ISALI emenzi ingu EIRWOOD. Iberoti sezicazekile ; esinye se zitibili zigobile; amapiko angapantsi ayo mantsha. Kanjako umkala ontambo mbini indawo ekufakwa kuyo intambo zibugoba. Onike incazo eva kuncedisa ukufunyanwa kwale mpahla uyakuvuzwa.

GEO. A. HAY

Albert Road, October 27, 1884.

AMAHASHE ALAHLEKILEYO.

ALAHLEKILE nge Cawe, 19 October, e.Qonce, amahashe amabinia cazwa ngohlobo :

INKABI EGWANGQA engenabala napau elenziwe ngezandla, ngapandle koku nqumlwa umsila, oseuhlumile nawo. Iminyaka iseshumini.

ITOKAZI ELIFOSI ELIMPEMVUKAZI, elima- nqina asemva amhlope kuqala emadolweni. linomcokozo emqolo angade ati umntu wenziwa sisilonda elalinaso. Iminyaka mihlanu.

Owafumeneyo wotiwa "cintsi" kakuhle. Angatunyelwa kwi ofisi ye mantyi yase Qonce mhlaumbi ku

JAMES JAMA.

Empenduza ngase Gcuwa.

"CAPE MERCURY."

Ofuna ukulibona elipepa angatumela atunyelwe libelinye.

Elipepa lishicilelwa e.Qonce ngabo bonke olwenziwe zimvula kulowo mhlaba wabo okade ubalelelwe. Imiguda yokulima iyenziwa, nakuba inkabi zibityileyo kusweleke nembewu. Ngetuba lembandezelo ebangwe lilanga ubusela bukulile, itolongo izele ngamasela—kuba namakwe. nkwana.

Lwesibiui, no-Lwesine, ne-Migqibelo, litunyelwa kwaoko kuzo zonke indawo.

INTLAULELO: e-Qonce 9s., Ngeposi inyanga ezintatu. ??yaka 12s kwangapambili, ??apa 30s., ng posi esi 42s.

HAY BROTHERS, E-Qonce.

Imvo Zabantsundu.

AMAGOSA.

Ukuze umsebenzi opatelele eku hanjisweni kweli pepa uhambe ngokukapukapu kumiswe amanene kwindawo ngendawo ukufeza imicimbi engalo endaweni nase gameni lomninilo. Indawo ezizintloko ezilindelweyo koli-Gosa zezi :—

(a) Kukumela ilungelo yepepa ngokuzama bonke abanokulesa ukuba balamkele.

(b) Kukukumbuza abamkeli ngazo zonke inyanga ezintatu ngentlaulo yepepa, eliyakuti i Gosa liyitumele kumpati-pepa e Qonce.

(c) I Gosa kwakona lomela ukuvakalisa izikalazo zabantu bomandla walo

ngento zonke ezipatelele ekuhanjisweni kwepepa.

Amagosa endawo ngendawo ngawo la namhla:—

Beaconsfield..... Mr. Jonas Msikinya
Burnshill....."James Figilan
Dordrecht..... " James Maqubela
Fort Peddie—
Tyityaba ..... " Thomas Mqanda
Rura ....."' Rev. Boyce Mama
Kimberley ..... MR. M.M Kosani
Herschel....." K. Kayo
Jagersfontein....."Chas Ntozini
Kamastone..... "Chas Tukwayo

Port Elizabeth } Mr. John S. Adams

no Paul Xiniwe

Tarkastad …..... " Isaac T Motaung

Ezindawo zilandelayo azikabi namanani, nezinawo awanele ukuba zimiselwe ama-Gosa kodwa, de zibe namanani indawo engeba zigqitywa ligosa zinokuhanjiswa ngalamanene avumileyo ukwenjenjalo: — *Alexandria,* Mr. W. S. ??; *Aliwal North,* Rev. J. Msikinya; ??mbana *Eba-Tenjini,* Mr. R. Madliwa ;

??Rev. J. M. Mkosi; *Alicedale* Mr. Stephen Nikelo ; *Bedford,* ??; *Clarkebury,* Mr Rich

??*nase Cwecweni*,

??*Colesberg,* Rev. S

??, Mr Jose J.

?? Edwd. Ndlangisa

Edendale, Natal, Mr. Saul M. Msane; *Healdtown,* Rev. G. Kakaza; *Graham's Town,* Mr. Robert Xholla; *Herschel,* Manxeba's, Mr. Joel W. Mabusela; *Gaga,* Mr. M. N. Galela; *Graaff-Reinet,* Rev. S. P. Sihlali; *Hankey,* Mr. James Gwadzi; *Jansenville,* Mr. Sami. Ndubela ; *Middelburg,* Mr. Geo. Nqana; *Newlands,* Mr. H. Tshatshu; *Peelton,* Mr. W. B. Rubusana; *Port Alfred,* Mr. Ernest Nquka: *Fort Beaufort,* Mr. S. B. Msutwana ; *Hackney,* Mr. T. Matumbu ; *Queenstown,* Mr. R. T. Nukuna; *Seymour,* Mr. J. Radas ; *Somerset East,* Mr. D. K. Vandala; *St. Mark's,* Mr. D. Dwanya; *Trinity, Fort Beaufort,* Rev. S. M. Manyakama ; *Uiteuhage,* Rev. M. September ; *Wezo,* Mr. John A. Ntsiko.

Kwezindawo akukabiko magosa kodwa ayafuneka:—Debe Nek, Cradock, Driefontein Natal, Fort Peddie; Verulam, Natal, Nezinye indawo.

Abamkeli *be-Mvo* banokuhlaula *reg uit* kwi-ofisi le ise Qonce, mhlaumbi kuma Gosa. Imali inokutunyelwa nge-zitamp, nemali yeposi mhlaumbi nge-tshek egameni lika J. TENGO-JABAVU.

Indleko yokutumela imali yeposi neyo- kwanana itshek e-Bankeni ayinakumelwa siti. Otumela itshek makeleke nexabiso lokuyanana e-Bankeni.

Iveki.

UMHLEKAZI i Ruluneli, u Sir Hercules Robinson uzakuka ahambele kweli lase Maxoseni.

INTLANGANISO yabafuudisi abantsundu base Wesile bomandla wase Rini imiselwe ukubase Nxukwebe ngo 12 November. Kule ntlanganiso kuyakubako namanene ayakutunyelwa ziramente ngeramente ezipetwe ngabo bafundisi bayakuhlangana ukuba aze abeko xa kaxoxwa imicimbi yemali zamabandla.

NESIGIDIMI solokuqala lo October kwa kutshwa isaziso sokuba elopepa lendaba liyakubonakala kanye ngenyanga kuqala kolosuku lwenyanga. Okwenene ke asilibonanga pakati kwenyanga.

UMBALELI ose Ngqushwa ubika uncedo

IGORA elikulu lama Bulu u Komandant Joubert uzikwebule kuyo yonke imisebenzi yobupata-mandla abeyipete apo e Transvaal. Isizeka-bani kukusuka angavisisani nebakala elitatyatwe ngamanye amapakati malungana nengxabatshitshi zelaba-Hlambeli. Indawo abezibambile ziwele ko Bodenstein eyobupa- kati obukulu, naku Krsdyan Joubert eyokupata imicimbi yabantsundu ubukomdanti buyakuvotelwa ushnu.

LEVEKI ingapaya kwe pelileyo kwanjenge yandulelayo, neyandulele naleyo, seloko kuko imvulu ezindilekileyo ezidla ngokuqala ngolwe Sibini.

AMAGAMA abo banga bangangabavoti kumandla wase Qonce ekaya alengalengiswe pandle kwe ofisi ukuze abonwe ngabo bonke. Abangangeniswanga?? kunokwenziwa izalelo ???? lwa nangubani pakati??

November xa ayakupatwa ngokomteto. Kufumaneka kungene iwaka elinamanci amatandatu anantatu.

INGQAKAQA kuvakala ukuba yetile e-Bosliof kwelase Free State. Ita ike yaxola kunene kwintsapo yamafama.

SINEGQIZA labafundi *be-Mvo* nase Lusutu. Olu ke loba ludaba kulo :—Lamanene alandelayo anikwe igunya lokutshatisa yi Ruluneli: W. H. Surmon, S. Barrett, G. Wolfe, G. G. Lagden, J. E. Surmon, no A. N. Daniel.

U-REV. W. Hay, B.D., osand' ukufika kweli lizwe usazakuka ahambele e Aliwal North, apo ayakulinga ukumisa isebe lebandla eliyi Presbyterian.

U-NOBALA webandla elimiselwe ukwenza imigudu yokupelisa izifo lase Kimberley wenze lengxelo pambi kwelo bandla ngo 15 October. Okoyati yangena ingqakaqa—ixesha elingapezu konyaka namhla—esisifo sesihle abantu abangamawaka amabini anekulu elinamanci asibozo anesibozo, kufe ke kwelinani ikulu elinamanci asitoba. Uqatshulo luncedile, mnye oqashulweyo ofileyo kwi kulu elineshumi elinesi hlanu endiliqondisisileyo.

I PEPA lase Kapa i *Cape Times* liti i Ruluneli icinga ngokuba ize ibeko ekuvulweni kololiwe e Hope Town ngomhla we 12 November. Umhlekazi angahamba no Lady Robinson no Miss Robinson ukuba uyaya.

U MR. A. J. ALDUM umiselwe ukuba ngumbali wepasi e Kwitsi, e Xalanga.

U MR. T. D. MUNRO MARTIN umiselwe ekubeni sisandla semantyi e Barkly East.

U MR. E. F. LONSDALE umiselwe ukuba sisandla semantyi e Glen Grey.

U MR. C. H. DRIVER, R.M., unduluke ngeveki engapaya kwedlulileyo e Cacadu ukuya kutabata umsebenzi wobumantyi e Prieska ngakwelama Qwelana.

UMSILI womqomboti, e Bayi usand' ukudliwa £25, mhlaumbi inyanga ezin- tatu. Ufunyenwe ehleli pezu kokuwuihla.

NGOLUSUKU (3 Nov.) ijaji iteta amatyala Bayi.

NJENGOKUBA a-Mabulu enolwawo semanyano lo kusebenza into afuna zimi kweli lizwe ngokwecala lolanlo, u-Mangesi na Mabulu abengeka ngeni kolu lubizwa ngawo, aqala olunye loku xasa igunya le Nkosazana kweli lizwe Lenganiso iyilwa kwimizi ngemizi.

IPALAMENTE ya-Pesheya iqale ukuhlangana ngo 23 October. Ikakulu lentlangano yayo yeyokuqinisa umtetowokwe- nza likulu inani labavoti ngokunika ilungelo kwindimbane ebingekabinalo.

U JAN MAY obulele umntu ogama lingaziwayo ugwetyelwe ukuxonywa e Cradock.

BAYANELA abasebehliwe yingqakaqa e Molteno apo kumbiwa amalahle. Mnye kodwa oselefile.

INDODANA eti ingunyana ka Stokwe, umnumzana wase Batenjini inikwe inyanga namanz' etyuwa etolongweni, yimantyi yase Rini ngetyala lokuba.

KUVAKALA ukuba u Dalasile ude wa zinikela ku ndabeni i mantyi yase ngcobo.

I-EXAMINERS ezimiselwe yi Cape University ngonyaka we 1885 ngala manene; *Literature,* Rev. Dr. Cameron, J. D: Coley, Esq., B.A., Rev. Dr. Kolbe, Dr. van Oordt, Rev. Dr. James Stewart (Philosophy), Rev. C. II. Hahn (German); *Science,* Hon. Abercrombie Smith, M.A., W. II. Finlay, Esq., B.A., F.R.A.S., G. C. Frames, Esq., B.A., B.Sc., J. G. Gamble: Esq., M.A., P. MacOwan, B.A. (London) *Law,* Advocate Juta, LL.B., Hon. Justice Shippard, D.C.L.

U REV. MR. NO MRS. MOIR, base Lovedale, basand'ukubuya e Scotland.

UMHLOLOKAZI nentombi yake babetwe ngum'bane e Ngqushwa ngezi mvula sisand'ukubako.

U W. C. Peter, igqweta lasa Rouxvile, e Free State lisand' uku zidubulala entliziyweni. Ngomfo ekuvukalayo ukuba ubeliciko lesibulu.

EIMVULA zinileyo zibange ukuba lipakame inyawo ezintatu i-Gqili.

Umbaleli we linye lamapepa ase Bloemfontein ose Jagersfontein ubika indaba zokuba a Besutu abase Middenveldt bati bonke u Samuel Moroka yiyona nkosi ya-
latwayo nyu moroka ukuba iyakutabata isihlalo sayo. Oku uti kwenzeka nho

IZINONOPU ezimhlope zase Bayi zicinga ngokulungiselea ngo 1885 umboniso wento eziveliswa nezinokwenziwa kweli lizwe onjengalo ubuko ekapa ngo September.

I RULUNELI isakuke ihambele e-Kimberley, kwele Dayimoni, malungana nosuku lweshumi linesibini lwale nyanga.

AMADODA amabini azenze amapolisa, engengawo, apange u Mr. Dillon, umxeli was Dayimani iponti ezi £120. Ange eze nepepa legunya lokumbamba, adala isipitipitana ate pakati kwaso am'panga. Abanjwe ekwele kwi ngcata ulazamahashe ezite kanti zikwawebile.

AMATYALA ayakutetwa yijaji e Bayi awamaninzi kakulu nonyaka, Kuzindlelwa ukuba ingahlala intsuku ezintatu.

NGOLWE-SINE olungapay akoludlulileyo umfo ontsundu umyatelwe yinqwelo. Uwe kuyo yamnyatela.

AMAXOSA amabini selehliwe yingqakaqa e-Burghersdorp.

EDEBE, ngomhla e-22 October, indlu yabetwa ngum'bane kwafa usapo lwendoda olusesineni, yasinda yona.

ONOCANDA bendlela ka loliwe bati uloliwe uyakuvulwa e-Burghersdorp ekaya ngo February, e Aliwal North ngo May.

UKUBA kukule nagase Kobonqaba, abantu abantsundu bayalamba sebekuxolele ukukatswa.

IMIKUNGWANA emnandana iwe izolo kwesisiqingata—yawa ibiselifuneka.

ABAMNYAMA abamele um'mandla wase Dikeni mabapaule oludaba: Kumagama abengeniswa abo banga bangangabavoti amagwangqa atile amangalele amakulu amabini anamanci asixenxe ukuba angangeniswa. Amagama abo bamangalelweyo ajingiswe ngapandle kwe Ofisi yase Dikeni ukuha abonwe ngumntu wonke. Imantyi iyakuhlala esihlalweni ukupulapula ubunyaniso bezimangalo ngomhla wesibini ku December ozayo. Icebo kubahlobo betu abase Dikeni lelokuba maze babeke pambi komantyi ukubonisa ukuba banazo imfanelo zokuba bangabavoti. Sikolwatina ukuba banazo bonke.

INTSHAYELELO.

UKWAMKELWA okushushu nokusuka embilini fumene kwa esiku sekususeleni kwetu. kusinike inkutazo enkulu. Emasibulele kwangoku abahlobo betu gentliziyo yonke ngenxa yeminqweno yabo elungileyo ngati. Sibulela ngokudluliseleyo into eninzi yabatumele amagama avela kwindawo ezipakati koma-Kapa noma-Natal, noma-Pretoria noma- Bayi ebonakalise ukusitemba kwayo ngokutumela amagama ngapambi kokuba ibone nepepa eli lodwa. Sesinga sesisiti siyatemba ukuba eyetu imigudu, esiyakuyenza ngawo onke amandle etu, yobonisa ukuba Sikufanele ukutenjwaa.

Kanti ke noko kuhlangatyezwa kwetu ngovuyo kusuka entweni. Intshumayelo ipela inokwenziwa kapukapu ngento ezintle ezinokuveliswa lipepa eliti lingumlomo wendimbane yabantu bakowetu wokuteta nabobalaulayo bavela kwelama Ngesi. Kakade lentshumayelo asingebe nakuyenza. Malungana nemihlali yomhlambi omhlope ngokubonakala kwe lipepa singaba asiposisi xa siti mayibe yona isuka kunqwenelo olwavakaliswa yimbongi yasema Ngesini, eyati—

Yo, ngapiwa, isipiwo ngu Qamata
Sizibone njengokuba sibonwa ngabasibekileyo.

Tina bake babanamatuba okuxoxa emapepeni e-Singesi singati olwetu uluvo alwahlukile kolo lwavakaliswa kwi ngqungqutela yaba fundisi eyaikulomzi ngumhlobo wetu onexabiso umfundisi u Rev. E. MAKI- WANE, owati abantu bakowetu xa batete nama Ngesi beva emibilini —nokuba baya posisa abaposisa sinina—ukuba bateta kuba aba- mblope bebanyamezele. Ingaba umntu ubengateta ngokukululekileyo kwi koranti enye nezimbini kodwa obobubini bazo abususibunyaniso balenteto. Bafanele ukuteta ke abalusa intlalo yabamnyama ukuba bepile bada babona ukum?? kwepepa lokuvakalisa imvo zabatsundu. Kwelipepa ke abasalindela kodwa ukuba bazibonele ngokuba sibabona, kodwa ngapaya koko ukuba babone tina njengokuba sizibona Abo banqwena ngom?? wonke ukunga banganyuka abantu bakowetu, nabanamandla okuncedisa bayakufuna ukuqonda uhlobo lwemvo zetu namandla pambi kokuba bagqibe ukuba mabapatwe njanina. Ukuba ukubakho kwe-*Mvo Zabantsundu* kuya ku?? tacita inkungu ezinjengezi, elipepa loba alifumananga lema.

Kodwa kuseko esona sizatu eng?? ba sibange oluvuyo kunin zi—uvu?? olubange ukuba bange singasikeleleka. Idlule iminyaka kumashumi amahlanu bafikayo pakati kwetu abafundisi, besebenza ngok?? hleleyo, no Rulumeni ucite.?? into eninzi yemali: yonke lemigudu yalate ekubeni ontsundu anyuswe Isiqamo ke—nesisiqamo iyakuhlala sakankanywa ngemibulelo kwimi- hlati yelipepa—sibe kukuba kubeko umhlambi omkulu ofunde ukutiya izinto zobunyama, nofunzele kwinto zentlalo ehlambululekileyo. Ukuze kwelixesba lomhlambi mtsha sele?? ungqubangqubeka esitubeni ucasiwe ngabahlobo basebunyameni ungagqalisiswa ngabase kukanyeni. Oku kuba nje kubangele ukuba kude kubeko impikisano yoku?? nguwupina odlulisele omnye_____ng?

" Mxosa wase buqabeni, ngowase sikolweni, sinina ? Eyona nyani yile yokuba lo "Mxosa wasesikolweni" mhlaumbi "O fundileyo" njengokuba bake batsho ute akuboniswa wanqwenela izinto ezigqitiseleyo, ekuteke ekuzameni kwako okugaxagaxa mhlaumbi ukufi?? kuzo akaqondwa kakuhle ngabahlobo abamhlope. Oku kusuka ekutini kungabiko ncam adibana ku?? ontsundu okanyiselweyo nabo bemi elunxwemeni loku kanya

Make senze abem'balwa ngohlobo esiyakujongana namaqela akoyo ngeziminie Palamente. Eyetu inkolo yevokuba ubani ocingela ukuba kuko into ezingafezwayo kweli lizwe lilaulwa ngo Nqapela-Ndikule ngapandle kokuqondisiswa into ezinjengala maqela unjengolinga ukwenza ikuku zamaqanda ngapandle kwawo. Okwetu ukumelana namabandla amatatu akoyo e Palamente ngoku kuyakuba kukulinga ukufundisa amawetu ukuba axase abandilekileyo. Le yindlela ebifanele kuhanjwa nguye wonke onga elilizwe lingacuma. Aba bantu bakowetu ngabantu abati ukuba sebegalele kwicala abagalele kulo sekupelile, kodwa onga angaxaswa ngabo kuko izinto amakazazi njengokuba sizakubonisa. Umfo onconywayo nga bamnyama ngowohlobo lwamadoda ahlala pezu kokutembeka, nandlela zibonakalayo, zitetye. Sohlala sibacebisa abalesi betu ukuba babeke amadoda e-Palamente anjalo ; eyona nto iyakuba yinkunqele ?? iyakuba zizenzo nemiteto kunabantu abayingenisayo lomiteto. Siyayiqonda imvo yomzi ontsundu, ayizih??lele nakulipina iqela, kodwa iz??-?asa ukutobela INKOSAZANA nc??ulo lwa-Pesheya, uxolo nehambiselo pambili kweli lisemazantsi e-Afrika.

Kukade kuvakala ukuba into e-

funeka kumhlambi ontsundu kukukutazwa ukuba ux'inele umsebenzi,

? ngengqondo uyakuba kuku ? abantsudu entweni

?bacela bonke abantu ukuba basincede

?konke esinako uku-

??ndlela zinokupume-

??empumelelweni kwento ze-

??kankanya pakati kwezi

??tengiswa kweziselo kuba-???Wetu. Kuko ibinza lamadoda

??mawetu akufaneleyo navumayo

?? kwelipepa ngalemicimbi, ?? nzi pakati??? Izi abanokubala

??bangangoko ukuyimisela

??angati kodwa

??sizatu sokuba

??ukuba zingathi *Imvo* zibe

??elitile, kodwa ngokuzama

??ma uluvo olungati kanti

?umntu ubalayo yedwa liya

??imvo zenyaniso zomzi

?opezu kwengxoxo ezisi-

??Ngokunjalo ke ziva-

??yamaxesha etembe-

Imvo zabantsundu yinto ehanjiswa

??sithembayo ukuba ama-

??nisi (apete ivenkile nento

?? ngenisa izaziso zawo

?? abababinzi abapete

?? bamnyama kodwa

?bayakulesa kwelipepa izinto ezitengiswayo bayakuzifuna ezizinto kwivenkile zabo, ze ke oko kube luncedo kubangenisi bempahla.

Siqukumbela ngombulelo kwabo basinike inkutazo kulomsebenzi, sitemba ukuba ekuhambeni kwexesha kobonakala ukuba bekusekufuneka kakade ipepa elinje.

Amanqaku

?elilizwe into yokuba badlale ibola ikangeleka njenge

??liso; ngangokuba sebe buza ukuba ingaba yintonina ebangela

??lo Bungesi nezinye incazo

?? kodwa into zakowetu eziteni

??konke lonteto yabacukucezi bazo.

?? aba babali beKoranti baya

??? umlomo namhla bakuva ukuba

?? etu awakafezi ngokudlala kodwa, ezimele ukuke oyise kwelo lebola

?? kweli pepa lanamhla umbali oti

?? 'Mtandi we Cricket" umema onke amabandla antsundu ebola ukuba ake

?? ukufaneleka kokuba amabandla

?? ngendawo ahlangane e-Qonce

?? omkulu wawo onke lama-

??ange Nyibidala. Olumemo lube-

??kumandla anjegawase- Rini,

e-Bayi e-Komani, e-Mtwaku, Lovedale.

?? elicebo lom'baleli wetu

??selwa ngabadlali-bola aba-

??etu umtandazo nomnqweno

?? lingapumelela. Xa sifuna ?? leleni abo kubahlo betu

??bahlala bafumana intwana

yayo yonke imizamo yoku- ?? bantu bakowetu singati kwa

??ebanga ukuba aMangesi

??lomdlalo yiyo esebenza

???olunjalo kwabamnyama. ??njeke inkolo yetu singema-

??va ngomnye umhla ukuba ?? Bodana elingati libaluleke ?? kulomdlalo mkulu kutetwa ukulungiselela ukukudlala na- ?? lawo. Ngapandle kwama-

la elinje lingavuselela lomoya

?? intlanga za-Mangesi

?? kote ngumoya weli lizwe.

abadlali abantsundu bebengake

??kupana ngobuhlobo na- ?? ebengefumane bengeo-

?? kodwa bebenganika ituba

?? belozwe lokuba babone

?? yingqeqesho ku-Ma-

?? ze kuti ke ngezimini

?? lubandayo ngakumntu ??aselelwe amatemba abo, ??liveyo enziwe endleleni ??pambili ete ngexesha._eliku- ??lekisa nezinye izizwe) ka-

??aka amashumi matandatu yavelisa iziqamo ezihle kangaka. Besi lesa ngenye imini apa ukuba amakulu alishumi linambini ayebukela Pesheya umdlalo webola owawupakati kwe Ntshayi, Nabangentshayi owadubula ekubeni abangentshayi boyisa. Umntu ngamnye kulamakulu owayeze kubonela wahlaula isheleni ngokuza kubonela. Elinani lingapindwa kane ngokulula xa kudlala abantu abamnyama na Mangesi (a-Pesheya wona).

"UMXOSA akana kuba angabi ngum'penduli wemicimbi yasebandla. Londawo wasekelwa yona. Kubonakala xa ate Amaxosa ahleleleka kangangokuba angabisa cetyiswa nganto ngu Rulumeni ngento ezipatelele kwakuwo—into etyatyambayo yimfazo." La ngamazwi endoda eyazana nabantu abamnyama, u Bishop Oncedayo wase Mtata abonakala kwinteto yake yesiqingata senyanga ezintatu kwiramente; amazwi andileke kunene. Akwaba ebeya kwetyiswa abe zinto ezimiyo kumntu ngamnye onga angazinto—wonke ebefanele ukwazi—ngabantu abantsundu.

UKUBA umbali kwi-*Penny Mail* oteta ngentlanganiso yabamnyama eyayikwa-Bangindlala ebenawo eshicilelwe engqondweni yake lamazwi, ebengasa kuyityabisa ihambiso yayo, ngalamazwi: I- *Frontier Guardian* (i-pepa lase Dodoloro) livakalisa inteto nehambiso yabamnyama abatetyi base Lady Frere. Ezonteto ziyakuhlekwa ligqizana labamhlope njengolinganiso oluhlekisayo noludelekileyo lewenqubo ya-Mangesi. ukungazaliseki kwengqondo nokusekeka kwesimilo kuhlala kwaba lixesha lokuzipakamisa noku linganisa okuhlekisayo. Kodwa kuti azihlekisi mpela zikwanentwane yengqondo." Ngati kuti intla-nganiso ezinjengalyo yakwa-Bangindlala ziyi ndawo yokuvulela um'punga kolulaulo IukaGungxuka-Ndinyuke. Asikude kakula enyanisweni xa sisiti imfazwe ezibangele ukuba elilizwe lidume kakubi zibangwekukuba abantsundu bebengazi elituba lentlanganiso. He, bekufanele bonke abanga eli 'lizwe lingacuma bez xasile bazondla.

IBANDLA elintsuudu la-Mawesile ase Cradock lifanelwe kunconywa ngokvulwa wetyalike yalo. Inkonzo zokuyivula, zaqalango 15 Oct., abafundisi ababeko ngo Rev. W, B. Rayner, owongamele e-Cradock, Rev. E. Gedye wase Ngqushwa, Rev. James Lwana wase Qonce apa, Rev. B. S. Dlepu wukwase Cradock, no Rev. S. Mvambo wase Colesberg. Iziko lokunqulela lalomhlambi lemka nonogumbe bonyaka we 1874, alibanga nakumisa elinye ide ibe yilemini. Liti ipepa lase Cradock *(Register)* ngesi sakiwo sitsha: " Ngapandle kwe ya Mabulu na Mawesile (amhlope) yeyona tyalike inkulu e-Cradock, inyawo zi 60 ubude zi 30 ububanzi, no pahla olupakemeyo, nefestile ezintle, nezihlalo ngapakati zabantu abamakulu omane. Masiti bo sibe nokotuka kovuyo sakubona ukubonakala kwayo Okuhle, nokuba kanjalo indleko enkulu itwelwe ngabantsundu ngokwabo." Ngokuhlwa umlisela wenze akuba kubeko i-tea-meeting engenise £36.

INTO engumangaliso yeyokuba aba bantu babe nokwenza isakiwo soluhlobo ngala maxesha mabi. Wenjenje ukuyityebisa londawo u Mr. Rayner " xa ababulelayo. Ubekiselele kwabo bate bazikanyela u Rev. Dlepu (obemkumshela wacukumiseka kunene kukupa amazwi okuncoma angaye); nelungu elintsundu lomhlambi elibaboleke £300 abanga yibuyisa negexesha abatanda ngalo. Omnye ushiye ikaya lake ngapandle ukuza kuncedisa ekwakeni." Sita- bata elituba lokushicilela inkolo enga- dambiyo esinayo kubantu bakowetu. Siyazi ukuba oku ngekungafuneki ukuba ukungakolwa bekungahlale kuvakaliswa ngabatile abanegunya lokuteta emicimbini yetu.

